Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

DISEMBA 2016

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

UMYALEZO OVELA KUSODOLOPHU

Ald Rudolph Smith

Sisondela ekupheleni komnye unyaka, kwaye kufike ela xesha lokuba ndininqwenelele nonke iXesha lemiBhiyozo elimyoli.

Kulandelwa ulonyulo lweengingqi kulo nyaka, uMasipala waseOverstrand uthe waba notshintsho olukhulu kubunkokheli bawo - kuquka mna lo othe wangena kwiofisi yokuba nguSodolophu ngokwesiGqeba. Ndiyavuya ukutsho ke khona ukuthi le nguqu ihambe kakuhle kwaye thina kweli Bhunga sisebenzisa loo nyhweba ukukhonza uluntu, kunye nabanye abantu. Xa silandela umkhondo wempumelelo yethu ukuza kuthi ga ngoku, ndiyakholelwa ekubeni siya kuqhuba sisenza njalo kule ntsalela yexesha lethu lokulawula.

Njengoko singena kweli xesha leeholide, masisebenzise eli xesha ukuzikisa ukucinga kwaye sibale iintsikelelo ezininzi esizifumeneyo.

Iminqweno yam iya kwabo balele ngandletyana nanye begula emakhaya okanye ezibhedlele kule Krismesi kwaye ndibanqwenelela ukuba bachache ngokukhawuleza. Masikhe solule isandla sobubele kubamelwane bethu ngakumbi abantu abadala kunye nabo bahlala bodwa.

Kwabo balindele abahlobo neentsapho, linga eliXesha lemiBhoyizo lingabazisela iinkumbulo ezintle kwaye ndamkela ngentliziyo entle bonke abo baza kube besindwendwele kumanxweme ethu.

Koogxa bam abangooceba kunye nabo bonke abasebenzi abazinikezeleyo bakamasipala, sininqwenelela nina neentsapho zenu iXesha lemiBhiyozo elisikelelekileyo nelimyoli.

YONGA AMANZI

" Singabe sisindile okwangoku, kodwa side sibenendlela emiswayo yokonga amanzi, ngubani owaziyo ukuba ikamva lisiphathelentoni", usekela Mongameli wase Overstrand uHanre Blignaut elumkisa.

Lingxelo zokunqongophala kwamanzi okufunyanwa luluntu kwizwe lonke zixhaphakile njengongoma zeendaba eziphambili kwezi ntsuku, kwaye imifanekiso yabantu abakrozele ukufumana umyinge omiselweyo wamanzi kwiindawo ezibonela ngamanzi yinto eya kuhlala isezingqondweni zethu ngonaphakade.

Ngemibulelo emikhulu, iOverstrand ingaxela ukuba imithombo yayo yamanzi ayikabikho semngciphekweni.

NgokukaHanré Blignaut, oliSekela-mlawuli kwiCandelo loCwangciso lobuNjineli, idam iDe Bos sithetha nje limalunga nama-98%, ngelixa amadama iBuffels River, iPearly Beach kunye neKraaibosch agcwele ngokwaneleyo.

Amanzi abonelelwa kummandlakazi kweHermanus avela kwidama iDe Bos nelimi kwiNtlambo iHemel-and-Aarde, isibonelelo samanzi ezongezekileyo sifumaneka kwimisele emininzi engqonge iGateway Centre; iRooi-Els, iPringle Bay neBetty's Bay ibonelelwa lidama iBuffels River; iKleinmond ibonelelwa ngumLambo iPalmiet; iGaansbaai ibonelelwa lidama iKraaibosch kwakunye nemithombo emininzi ekule ngingqi; iStandford ibonelelwa ngumthombo kunye nemisele emibini eyongezekileyo; kuze iPearly Beach ibonelelwe ngamadama iPearly Beach neKoekemoer.

Into yokuba iOverstrand ibe ayinangxaki ngokunqongophala kwamanzi ngoku akumele ukuba isiphazamise kwisidingo sokonga amanzi. "Ngokwenyaniso, "utshilo uBlignaut, "iOverstrand ngummandla, kwaye isaya kuba ngummandla onamanzi anqongopheleyo, kwaye ukuba sifuna ukuqinisekisa ukuba amanzi awoneleyo aya kuhlala efumaneka kuye wonke ubani yonke lemihla, kuya kufuneka sitshintshe ingqiqo yethu sisonke.

Oku kuthetha ukuba sicinge ngamanzi ngendlela eyahlukileyo kwaye kumele sifumana indlela eyongayo xa siwasebenzisa."

Kwezi nyanga zasehlotyeni zishushu zizayo, uBlignaut ulumkise abahlali ukuba bangophuli icandelo 46(1) lomThetho kaMasipala waseOverstrand ongeeNkonzo zaManzi, elithi makungankcenkceshelwa phakathi kwezi yure 09h00 kunye no17h00. "Nangona oku kungadala uphazamiseko okuthile, sihlaba ikhwelo kubahlali ukuba bakhokele iphulo lokusetyenziswa kwamanzi kwaye kufundiswe lonke uluntu ukuba bangawonga njani amanzi," uqukumbele ngelitshoyo.

IZICWANGCISO ZOKUQALISA U-2017 NGESITHONGA?

Qinisekisa ukuba iikrikethi zakho zihambisana nemigqaliselo yoluntu!

Njengesithethe, abantu baseOverstrand bathanda ukwamkela uNyaka oMtsha ngesithonga. Xa sithabathela ingqalelo imeko ebuthathaka esingqongileyo, oyiNtloko yoCimo-mlilo uLester Smith ukhuphe ilizwi elikhethekileyo lesilumkiso: iilanteni zamaTshayina kunye namadangatya eekrikethi akumele ukuba zikhutshwe konke konke ngenxa yokuba kunzima ukuthelekelela apho zingaphelela khona kwaye kungenzeka ukuba zingadala umlilo eretyu nalapho kungakho abantu abanokuphulukana nobom.

Ngokuphangaleleyo, uSmith uthe wabongoza abahlali ukuba balumke kwaye baqiqe xa besebenzisa iikrikethi, ebhekisa ekubeni izilwanyane kumelwe ukuba sicingelwe: "Nanjengoko abanini-zilwanyane abaninzi besazi, iikrikethi neendudumo zingadala ukoyika okuninzi kwizilwanyane. Ngeli xesha lemibhiyozo, izilwanyane kumele kuba zigcinwe zingaphakathi; kuyacetyiswa ukuba kuvalwe iikhethini kwaye kuvulwe umabonakude okanye iwayilesi ukuphazamisa izilwanyana kokuqhubeka phandle," utshilo.

Ukunxaxha

Ngokwamacandelo 54 ukuya ku-56 omThetho kaMasipala onxulumene noKhuseleko loLuntu, imiboniso yeekrikethi neyezitakisi-ntlantsi iphelele kwiindawo ezimiselweyo zesiqhelo kwaye ingavunyelwa kuphela ngemvume yeGosa eliyiNtloko loCimo-mlilo. Ukuza kuthi ga ngoku, sinye kuphela isicelo esithe saphunyezwa, seseBirkenhead House (kunxweme iVoëlklip).

IGosa eliyiNtloko loCimo-mlilo lithe laphumeza iindawo ezimiselweyo kumanxweme akummandla apho ukudutyulwa kweekrikethi kuya kuvumeleka khona phakathi kwe-23:00 neyo-01:00 ngoBusuku obaNdulela uNyaka oMtsha. Abahlali, ke ngoko, akulindelekanga ukuba bangenise izicelo zokudubula iikrikethi kula manxweme alandelayo:

- empuma kweNxweme iGrotto (kufutshane nomlomo wechweba);
- kwinxweme leHawston (HAYI kwinxiwa lokunkampa okanye kummandla wokupaka okanye ezibukweni);
- kwinxweme iUilenskraalmond;
- kwinxweme iStanford Bay (De Kelders),
- nakwinxweme iKleinmond.

Zonke iirokethi kunye neekrikethi zasemoyeni kumele ukuba zidutyulwe phezu kolwandle ukucutha ukuba ziye kuwela kwimimandla yezihlahla kunye/okanye yeentaba. Nceda uchole zonke iintsalela zekrikethi kwaye uzigcine kude kubantwana. IGosa eliyiNtloko uSmith uthe ukongeza, abantu kumele ukuba bafunde imiyalelo ebonelelwa kwipakethi yekrikethi nganye: bangaze babambe okanye bajule ikrikethi elayitiweyo, basoloko bemela kude kuzo, bangasondeli kwiikrikethi ezithe zalayitwa ngenxa yokuba zingadubulela ebusweni babo; soloko uzibeka mgama iikrikethi kwaye wazi nexesha lokudubula kwazo; iikrikethi ezincinane kumabala avulelekileyo.

Ukudubula iikrikethi nakowuphi na ummandla (kuqukwa nakwiyadi yakho) nangaliphi na ixesha kungakhokelela ekuhlawulisweni umdliwo omkhulu. Siyakuqinisekisa ukuba iiarente zonyanzeliso-mthetho ziya kuthabatha amanyathelo kunye nabani na owophula umthetho omiselweyo.

Okokugqibela, qiqa! Ukuba wonke ubani uhambisana nale mimandla imiselweyo namaxesha, ukuxambulisana nabamelwane kunye nokubangela ucinizelelo kwizilwanyane kungathi kucuthwe.

Naziphi na izicelo ezikhethekileyo ezimalunga nemiboniso yeekrikethi kunye/okanye neminye imibuzo kumele ibhekiswe kwiGosa eliNtloko loCimo-mlilo kwezi nombolo 028 318 8980 ngamaxesha omsebenzi.

Indlela evuselelweyo **Hemel-en-Aarde** yimpumelelo kubalondolozi bendalo

ngumgcobo kubo bonke abo babukhathaleleyo ubuncwane bendalo kule ntlambo

Ithabathe malunga neminyaka emine enesiqingatha, kodwa indlela evuselelweyo u-R320 ephakathi kweHermanus neCaledon ngoku ivuliwe ngokusemthethweni. Le projekthi ibiqeshe abantu bale ngingqi, yeyezigidi ezingama-R240 iqaliswe ngenxa yenkxalabo enkulu kukhuseleko lwendlela ngakumbi kulungelelwaniso lwamagophe kwindlela ebikhona yegrabile. Iimeko ezimbi ezinjengothuli ngeenyanga ezomileyo zasehlotyeni kunye nendlela emtyibilizi ngenyanga ezimanzi zasebusika, zinefuthe elibi kubasebenzisi bale ndlela - ngakumbi uluntu lwamafama akhutheleyo olusebenzela ukuguqula lentlambo incume kunene ukuba ibe yiparadesi yabakhenkethi.

Ukuphunyenzwa kweprojekthi kuye kweza nezithembiso ezithile ke kodwa.

Okukuqala, isebe lezothutho nemisebenzi karhulumente liye lavuma ukubekela bucala eminye imiba ngaphambi kokuba kwenziwe uVavavanyo lweFuthe kokusiNgqongileyo nanjengoko kufuneka ngumthetho kazwelonke ongolawulo lwendalo esingqongileyo. Ngakumbi, imbambano ibilifuthe elingenziwa kukuvuselelwa kwale ndlela kwiintlobo zezilwanyane nezityalo ezisemngciphekweni wokutshabalala ezifumaneka kuphela kwiNgxingwa kaShaw.

Okwalandelayo kokuba kwathatyathwa unakekelo olukhulu ukukhusela izityala zendalo nokwakhokelela ekubeni kumiselwe indawo yokukhulisa izityalo kwaye kukhathalelwe izinxiwa kulungiselelwa ukuba kuvuselelwe kwaye kutyalwe kwakhona izityalo kulo mmandla kuthe kwakhiwa kuwo emva kokuba kuthe waggitywa.

Iqela labantu abasebenza kwindawo yezityalo liye laqokekelela imbewu kulo mmandla laza layongeza kwenye imixube yezithole ezinkcenkceshelwayo. Eli qela liye ladala icandelo elingumgxobhozo nalapho izityalo ezikhula emigxobhozweni nezo zithe zahlangulwa ngaphambi kokuba kwakhiwe, zingagcinwa khona ngeli xesha kwakhiwayo.

Malunga namawaka amathathu ezityalo zathi zaphinda zatyalwa xa kukhuselekile ukwenza oko kwaye ama-30 eehektha ababhengezwe njengabekelwe bucala kumthambeka kweNtaba ka-Shaw - kwaye kuthe kwabonelelwa ngezimali ukuqinisekisa ukuba le ndawo ibekelwe bucala ingahlala iqhubekeka ixesha elide.

Njengenzuzo eyongezekileyo kwindalo esingqongileyo - kunye nokudala amathuba engqeshoongezekileyo kubantu bengingqi-iqela elisusa izityalo ezingezalapha ngokwendalo lathi lamiselwa, nelikhekelele kummandla weemitha ezingama-20 macala omabini endlela ziyasuswa ezi zityalo zingezozalapha ngokwendalo.

Le ndlela ivuselelweyo ngoku iqinisekisa indlela emfutshane nekhuselekileyo ehamba kule ntlambo kwaye kulindeleke ukuba ibe nefuthe elihle kuqoqosho, ngenxa yokuba ngoku abakhenkethile banezizathu ezongezekileyo zokonwabela ubuhle bale ntlambo nencasa yemveliso yeewayini nezinye izidlo.

Enye into entle eyongezekileyo eyenziwe liqela babakhi ukuba amanani ekujoliswe kuwo okuxhotyiswa kabathile kule projethi kuthe kwagqithiswa kuwo. Kwixabiso lekhontrakthi lilonke, izigidi ezili-R17,5 (7%) zithe zabonelelwa kwingqesho yabantu bale ngingqi, kunye nezigidi ezingama-R31.5 (13%) ezithe zabekelwa bucala kulungiselelwa amashishino abo babevinjwe amathuba ngaphambili. Ukongeza koko, uthotho lwamathuba oqeqesho lithe labonelelwa kwinxiwa eli nalapho sine sabathabathe inxaxheba sithe salugqiba uqeqesho lwabo ngempumelelo nalapho omnye kubo ethe wafumana ingqesho esisigxina.

Kumsitho ongumqondiso wokuvulwa ngokusesikweni kwe-R320 evuselelweyo, ukusuka ekunxele ukuya ekhohlo, nguAnton Nell (umLawuli: iSebe loThutho nemiSebenzi kaRhulumente), uArchie Klaas (uSekele-Sodolophu: kuMasipala wesiThili waseOverberg), uMnu Donald Grant, umPhathiswa waseNtshona Kapa woThutho nemiSebenzi kaRhulumente, uChristelle Vosloo (uSodolophu woMasipala iTheewaterskloof), uAndries Franklin (uSodolophu woMasipala wesiThili saseOverberg), uSodolophu waseOverstrand uRudolph Smith, nooCeba Elnora Gillion noAndrew Kumani.

Ubhaliso lwabaneekhontrakthi ***zokuthutha inkukuma*** ukususka kwiipropati zabucala ukuya kwizakhiwo nezixhobo zikamasipala

Kukhutshwa esi saziso singokuba bonke abo baneekhuntrakthi zokuthutha inkukuma ukususka kwiipropati zabucala njengeenjongo zokuyisa le nkukuma kuthethwa ngayo kwizixhoba kunye/okanye etipini kamasipala, kwixesha elizayo, kufuneka babhalise kumasipala ngokuhambelana nemigqaliselo yakutsha yeSebe lemiCimbi yokuSingqongileyo ngalo mbandela.

ISebe lemiCimbi yokuSingqongileyo lifuna ukuba oomasipala banike iingxelo ngobungakanani benkukuma elahlwa ezitipini nobungakanani benkukuma esiwa kuvuselelo ngokutsha kunye/okanye kusetyenziso ngokutsha.

UMasipala waseOverstrand uthe walungelelanisa umThetho kaMasipala ongeNkukuma eQinileyo ngokungqinelana nayo kwaye, ngokungqinelana nalo mthetho kamasipala ulungelelanisiweyo, bonke abo baneekhontrakthi ezibandakanya ukuthuthwa kwenkukuma kummandla wemida yaseOverstrand kuya kufuneka ukuba babhalise ngolo hlobo kumasipala khona ukuze umasipala afumane idatha edingekayo kwaba abaneekhontrakthi abanikezela ngolu hlobo lwenkonzo.

Oku kulungelelaniswa kuya kutsho kwenze lula iintlawulo zothutho lwenkukuma (engaphezu kwetoni) nanjengoko siya kubanakho ukubonelela ngeakhawunti enye ehlanganisiweyo ngaba\o baneekhontrakthi rhoqo ekupheleni kwenyanga.

Ekugqibeleni, lovimba wedatha uyakwenza lula unxibelelwano phakathi kukamasipala nabo baneekhantrakthi ngokuthi kuqinisekiswe ukuba olu lungelelwaniso malunga nale migqaliselo kunye nentlawuliso kunxityelelwana ngazo kwangexesha.

Ileta yobhaliso kunye nophawu lokuzichaza ziya kukhutshwa kwabo baneekhontrakthi abasebenza kummandla womasipala waseOverstrand. Oku kuya kunceda umasipala ukuba ohlule abo baneekhontrakthi bavela kule ngingqi kwabo basebenza kule ngingqi kodwa bevela ngaphandle kommandla kamasipala, ngenxa yokuba abo bavela ngaphandle kommandla kamasipala kufuneka bahlawule iintlawulo eziphezulu zokulahla inkukuma.

Ngubani ekumele ukuba abhalise?

- Abaneekhontrakthi zokuthutha iinkukuma yezakhiwo kwakunye nezitiya nenkukuma nje eqhelekileyo
  ukuyisa kwiindawo zokulahla, isitishi zokudlulisela neetipu
- Abaneekhontrakthi zokushishina ngeentsimbi ezilahliweyo; kunye
- Nabaneekhontrakthi nomasipala zokuthutha inkukuma.

Bhekisa nayiphi na imibuzo ethe ngqo emalunga noku kumPhathi woCwangciso lweNkukuma eQinileyo uJohan van Taak, kwa-jvantaak@overstrand.gov.za okanye kwa-028 313 8000.

Inkundla Eyongezekileyo

ibe nonyaka wokuqala oyimpumelelo

Ithe yavula amasango kwisithuba sexesha elingangonyaka, iNkundla eYongezekileyo yemiBandela kaMasipala inganika ingxelo yokuba ithe yafaka kumqulu wayo malunga namatyala angama-5000 ukususkela ngomhla wokumiselwa kwayo. Imibandela emalunga nemithetho yendlela, imithetho kamasipala kwakunye nemithetho yezakhiwo nocwangciso imenyelwa apha kule nkundla.

Ukubaluleka kwemithetho kamasipala yinto emayigxininiswe ngenxa yokuba iqinisekisa ukuba ezinye iindlela zokuziphatha okanye namanyathelo athile kumele ukuba angavunyelwa kwaye abe umntu angohlwaywa ngawo ukuba izithintelo ezithile azithotyelwa. Ulwaphulo-mthetho ngokwemithetho engomasipala ekuquka imithetho kamasipala, ichazwa njengalo naliphi na inyathelo okanye imposiso ongohlwaywa ngayo ngokomThetho ongemiMiselo yoLwaphulo-mthetho oyi-Criminal Procedure Act.

Ngokufanelekileyo, nawo nawuphi na umthetho kamasipala ophunyezwe libhunga unokunyanzeliswa ngokusemthethweni njengawo nawuphi na umthetho kazwelonke nowephondo.

Inkundla eyongezekileyo yathi yamiselwa ngenjongo yokuqinisekisa ukuba uluntu lunika ingqalelo kumthetho kamasipala kwaye liqinisekisa ukuba, kwimeko yolwaphulo-mthetho, amanyathelo afanelekileyo ayathatyathwa ukulungisa lowo mbandela.

Ukuba le nkundla ithe yafumana impumelelo enkulu kunyaka wayo wokuqala wokusebenza nalapho ukungqina boko bungabonwa kumanxiwa ebekade elifusi elibi elinobungozi kwimililo - neluLwaphulo-mthetho kaMasipala waseOverstrand kuKhuseleko lomLilo - ngoku athe acocwa loo manxiwa ngabaniniwo emva kokukhutshwa kweesamoni ngenxa yokungabinakho kwabanini-manxiwa ukuthobela izaziso ezikhutshwa ngumasipala.

Ulwaphulo-mthetho kamasipala kungakhokelela kula manyathelo alandelayo ukuba athatyathwe ngakulowo usisaphuli-mthetho:

- Ukunikwa isaziso sisaphuli-mthetho. Kwiimeko ezithile, eso saziso singakhutshwa ngokuthi kuthiwe hlawula imdliwo.
- Kukhutshwe iisamoni ngenxa yokungaphumeleli ukuhlawula umdliwo.

Ukungahoyi ezo samoni kungakhokelela ekubeni inkundla eyongezekileyo ikhuphe igunya lokuba mawubanjwe.

Ukongeza koku, ukungaphumeleli ukuthobela umyalelo wenkundla kungakhokelela kwezi zohlwayo zilandelayo ukuba zinyanzeliswe kwisaphuli-mthetho:

- Isohlwayo sokunikela ngenkonzo yamahala kuluntu
- Umdliwo kunye/okanye ukuvalelwa entolongweni
- Isigwebo ezixhonyiweyo
- Isilumkiso

Xa kujongwa indlela esebenza ngayo ukuza kuthi ga ngoku, iNkundla eYongezekileyo kucacile ukuba iyayizalekisa injongo yayo, ekukunkonza uluntu ngokunyanzelisa ukulawula komthetho.

Izinja, amanxweme e-Blue Flag kunye neeNdawo zoLuntu

Umxholo wezinja kumanxweme neendawo zoluntu eOverstrand ungunobangela weengxoxo ezishushu iminyaka emininzi ngoku.

Nangona izinja ziseza kuvumeleka ukuba zonwabela amanxweme, ukuhambahamba kwazo kuza kuthintelwa ukuba kuthobele umThetho kaMasipala ongeZinja neeKatai kwakunye neemfuneko zeBlue Flag yamazwe ngamazwe.

Icandelo 6(2) no-(3) alo mthetho kaMasipala acacile kwezi meko nakwindlela amawatolikwe ngayo: "Akukho mntu angavumela okanye ashiye nayiphi na inja kwindawo yoluntu ngaphandle kokuba ibotshelelwe." Qaphela ukuba iindawo zoluntu ziquka nawaphi na amanxweme, iindlela, imilimandlela, iibhulorho, iindledlana okanye izitiya, kwakunye nayiphi na indawo engaphantsi kolawulo lukamasipala.

Abanini-zinja abasebenzisa amanxweme aseOverstrand athe anewonga le-Blue Flag - iGrotto, iHawston neKleinmond kumelwe kuhlonitshwe imiqathango yokuba akukho zinja zivumelekileyo kula maxnweme ngelixa iflegi ebhlowu iphaphazela.

Iwonga le-Blue Flag sisiqinisekiso samazwe ngamazwe kwaye le nkqubo ibonelela ngeenzuzo ezininzi: izixhobo nezakhiwo zokhenketho eziphucukileyo, ulawulo olongezekileyo lwesixokelelwano zendalo ekumanxweme, iinkqubo zokwazisa nokufundisa kunye nemigangatho yekhwaliti yamanzi nezixhobo nezakhiwo ezikwinqanaba eliphezulu. Hlala unalo mbono sinawo ngokuthi usincedise sigcine eli wonga.

Abanini-zinja bayacelwa ukuba bangcwabe utuwa yanja esantini okanye bayijule elwandle. Bayacelwa ukuba bahlale becoca okwenziwa zizinja zabo kwaye balahle iibhegi zetuwa yezinja kwimigqomo elungiselelwe oko.

Ukwaphula nawuphi na umthetho kamasipala kungaxelwa kuNyanzeliso lomThetho kwa- 028 313 8000.

Ngenjongo yokulondoloza okusingqongileyo (ingakumbi iintaka) nobungcwele boluntu lwaseStanford, uMasipala waseOverstrand, uCapeNature noKRAB (Klein River Association of Boating) badibene ukuqinisekisa ukuba ukusetyenziswa kweKlein River nendawo yayo elithambeka ziyahambelana nayo yonke imithethwana esebenzayo kwesi sibonelelo. Okokuqala akukho sikhitshana siya kuvunyelwa emlanjeni de kuveliswe iphephamvume eliyinyani elivela kumlawuli wesikhephe. Emva kokungenisa obo bungqina umninisikhitshane uya kunikwa uphawu olumhlophe-mnyama olubalaseleyo kwaye zizikhephe ezinolo phawu kuphela eziya kuvunyelwa ku-Section F womlambo (ngokwe-Zonation Map). Ngaphaya koko imigaqo engqongqo ephathelele kwiindawo ezinokubalekisa kuyo izikhitshane okanye zilinde kuyo iza kusebenza. Kananjalo kufuneka kuqatshelwe ukuba imihlalo yezinto ezinenjini ayikuvunyelwa phambi kwe-09:30. Ukulumkisa uCapeNature unqwenela ukwazisa abasebenzisi-mlambo ukuba amanzi kulo nyaka aphezulu kunesiqhelo. Ngako oko ukungena kwindawo yeentaka ku-Section 16 E womlambo akuvumelekanga konke konke kwaye le ndawo iza kugadwa nguCapeNature. *Malunga neenkcukacha zezilumkiso nemigaqo esebenza ekusetyenzisweni komlambo ngeli thuba leeholide ezizayo nceda uvule ku- www.overstrand.gov.za, cofa kumaxwebhu/By-laws//Estuaries.*

Qaphela, nezinto ezenziwa ngezikhitshana eMaanschynbaai nasePrawn Flats nazo ziza kubekwa elisweni kwaye imithetho engqongqo nemigaqo yokhuseleko iza kusebenza nalapha.

UKUTHUTHWA KWENKUNKUMA NGEXESHA LEEHOLIDE **ZOKUPHELA KONYAKA**

Yonke into ngokwesiqhelo ixesha elininzi, kodwa…

Ngethuba leeholide zokuphela konyaka iiofisi ezahlukeneyo zaseOverstrand ziza kuqhuba ziyithutha inkunkuma ngeentsuku abahlali abaqhele ukuba ithuthwe ngazo. Kuloko kukho nje ukuphambuka apha naphaya:

- Kummandla weHangklip-Kleinmond inkunkuma ayisayi kuthuthwa ngeentsuku zeeholide zikawonke-wonke. Qaphelani ukuba isikhululo senkunkuma siza kuqhuba sisebenza ngeeyure ukusuka kweye-07:30 de ibe yeye-16:30 ngeempelaveki nangeeholide zikawonke-wonke.
- Kuzo zonke iindawo iinkunkuma iza kuthuthwa ngokwesi sicwangciso silapha ngezantsi nokuba olo suku lungqamana neholide kawonke-wonke. Ewe, inkunkuma iza kuthuthwa ngeKrisimesi nangeNyibidyala.

UMasipala waseOverstrand wenze imigudu ukuqinisekisa ukuba wonke umntu uhleli kamnandi ngexesha leeholide kodwa ke siyawabongoza onke amakhaya ukuba aqwalasele le migaqo ilandelayo isisiseko xa ekhupha Inkunkuma:

- Landela esi sicwangciso silandelayo seentsuku zokuthathwa kwenkunkuma.
- Iingxowa zenkunkuma mazingakhutshwa zilale phandle ebusuku. Oku kutsala ooyabulani nezilwanyana zasekhaya ezifana nezinja. Sonke siyayazi idemesha eziyenzayo.
- Qinisekisa ukuba inkunkuma yakho iphandle ngeye-07:00 kusasa ngomhla wokuthuthwa kwenkunkuma.
- Xa kukho imfuneko sebenzisa izibonelelo zokuthuthwa kwenkuma ezikwindawo yakho.
- Ukuba indlu yakho uza kuyiqeshisela abantu ngexesha leeholide nceda ubazise ngamalungiselelo okuthuthwa kwenkunkuma.
- Kubaluleke kakhulu: Isigama esikhokela uthutho lwenkunkuma sithi,cutha, sebenzisa kwakhona. Sonke masizameni ukuqinisekisa ukuba indalo nayo ingaphila.

E-Hermanus	eVermont, Fisherhaven, Voëlklip	NgoMvulo
	eOnrus, Onrus Manor, Chanteclair, Berghof, Sandbaai, Hemel-en-Aarde, Kidbrook, Glen Fruin	NgoLwesibini NgoLwesibini
	eZwelihle, Mount Pleasant	NgoLwesithathu
	eWestcliff / Westdene, Hermanus CBD, Northcliff, Industrial Area, Beach Club	NgoLwesine NgoLwesine
	eHawston, Eastcliff, Hermanus Heights, Kwaaiwater, Mosselrivier, Fernkloof,	NgoLwesihlanu
E-Stanford	eStanford North eStanford South	NgoLwesibini NgoLwesine
E-Gansbaai	ePearly Beach, Buffeljagsbaai, Eloxulweni, eDe Kelders, Masakhane, Beverly Hills eFranskraal eKleinbaai, Baardskeerdersbos eGansbaai, Masakhane, Beverly Hills, eBlompark ePerlemoenbaai	NgoMvulo NgoLwesibini NgoLwesithathu NgoLwesine NgoLwesihlanu
E-Kleinmond	eKleinmond, Bettys Bay, Pringle Bay, Rooi Els Proteadorp, Overhills	NgoMvulo NgoLwesibini

Intsebenziswano ngeli Xesha lemiBhiyozo

IOverstrand ayinantanga xa kuthethwa ngokonwabela indalo kuba kukho uthotho lwezinto zokwenza ezifikelela nakuthathatha. Nanjengoko abandwendweli banabakulindeleyo, siphindile kwakhona sazinika ixanduva lokuqinisekisa ukuba abachithi ziholide bangalindela imeko ecocekileyo nekhuselekileyo xa bendwendwela amanxweme ethu kwaye xa besebenzisa iindawo nezixhobo zolonwabo neendlela zethu.

Unyanzeliso lomthetho liya kuhlala lukhona lubonakala ngawo wonke amaxesha ukuqinisekisa ukhuseleko lwabasebenzisi-ndlela. Sibongoza abaqhubi ukuba balandele ezi ziseko zilandelayo.

- Soloko uqinisekisa ukuba wena nabakhweli bakho **babopha amabhanti**.
- Soloko uthobela **izithintelo zesantya** - ukuqhuba ngesantya esiphakamileyo kuya kukhokelela kumdliwo ophezulu, kodwa ukuqhuba ngokucotha kakhulu kungabangela ingozi.
- Gcina **umgama wokulandela esinye isithuthi ungokhuselekileyo** kwaye phonononga imimandla ongayiboniyo esipilini xa uqhuba ngaphambi kokuba utshintshe imigca.
- Musa **ukusela utywala uphinde uqhube**. Ukuba uzimisele ukusela utywala, qinisekisa unenye indlela yokugoduka okanye yokugoduswa engasayi kukubekwa emva kwevili wena.
- Musa **ukubhala kwiselula ngeli xesha uqhuba**: #ItCanWait!
- Ungaze ushiye izinto zexabiso ezinjengselula, izipaji kunye nezinye izinto zexabiso **emboniselweni**, zingahoywanga okanye kwisihlalo esisecaleni kwakho. Soloko uvalela izinto zakho zexabiso kwibhuthi yemoto.

Ukumisa nokupaka eHermanus

IHermanus inenkqubo yokupaka elawulwa ngendlela eyiyoy ukuqinisekisa ukuba amabala okupaka asoloko efumaneka kwaye esetyenziswa amaxesha amaninzi ngosuku, nokuthi kukhuthaze abantu abaninzi ukuba beze edolophini ukuza kuthenga. Ukupaka kwibala elilawulwa ngumasipala kuneendleko zerandi ngemizuzu eli-15 nokuthetha ukuba kuya kuxabisa i-R4.00 ngeyure. Abahlali bangafumana ithokheni yokupaka esisigxina kwiiOfisi zezeNdlela eOverstrand kwikona yezitalato iShort neMussel ngeendleko ze-R400 ngenyanga.

Ukongeza koko, iindawo zokupaka ezingahlawulelwayo ziyafumaneka eGearing's Point, Hoy's Koppie (phonoshono noCheckers) nakumabala eCawa iNG.

Qaphela, imirhumo yokupaka ehlawuliswa ngamaziko eevenkile ezinjengoWoolworths noCheckers kumhlaba wabo iya kumiselwa ngalawuli balo maziko eevenkile.

IBHUNGA LEDOLOPHU LABATSHA LINGENA EOFISINI

Ukumiselwa kooCeba babatsha baseOverstrand abonyulwe kubafundi bamabanga 10-12 abavela kwizikolo ezithandathu zale ndawo, bekubanjelwe kwiAuditorium kaMasipala eHermanus ngomhla we-3 Novemba. Ngethuba leenyanga ezili-12 beseofisini ooceba abatsha bafumana amava okusebenza kurhulumente wasekhaya, kuphuhliso loluntu olujoswe ekuzuzeni koluntu lwabo, kunikezelo lweeprojekthi nokuvela kuluntu Ooceba abalulutsha bonyaka-2017 (kumgca ongasemva ukusuka ekhohlo ukuya ekunene) ngu-: Kaci van Romburgh (Curro Hermanus), Gabriel Stratford (Curro Hermanus), Panashe Mapfumo (Northcliff House), Janeke Viljoen (Hermanus High), Lismari Strauss (Hermanus High), Zoe van Rensburg (Hermanus High), Donne van Schoor (Hermanus High), Madicyn Venter (Hermanus High), Kirsten Larney (Curro Hermanus), Milia Botha (Curro Hermanus), Leighton Appolis (Hawston Secondary), Curtley Gillion (Hawston Secondary), Abigail de Koker (Hawston Secondary), Delmain Januarie (Hawston Secondary), Aiden Farao (Hawston Secondary), Shariefa Abrahams (Gansbaai Academia), Lupho Hoyi (Qhayiya Secondary), Thimna Mkolo (Gansbaai Academia), Nikilitha Moyakhe (Qhayiya Secondary), Andisiwe Lusawana (Qhayiya Secondary), Sinoxolo Maguduza (Qhayiya Secondary), Dehann du Plessis (Gansbaai Academia), Khanyiswa Pungupungu (Gansbaai Academia).
Ngaphambili ukusuka ekhohlo ukuya ekunene ngu-: Sarah Johnson (Northcliff House), Matthew Smith (HermanusHigh), Damian Niemand (Hawston Secondary), Katelin May (Hawston Secondary), Monique Barkley (USekela-Sodolophu wabalulutsha - Northcliff House), Yanna Stergianos (USodolophu olulutsha- Hermanus High), uCebakhulu Dudley Coetzee, Izaan Newman (USekela Sodolophu olulutsha - Gansbaai Academia), Unity Mtomile (UManejala: IBhunga lolutsha laseOverstrand), Fortune Mbeu (Qhayiya Secondary), Ayabonga Qogi (Qhayiya Secondary), Cynthia Kariuki (Northcliff House), Jordan Linehan (Gansbaai Academia).

Ingcaciso yeedipozithi *zombane*

Igama elithi "Increased deposit", elivele kumatyala lithetha inguqu yaminyaka le kwidipozithi yokusetyenziswa kombane.

Ukususela ngoJulayi 2012 zonke iidipozithi ziyaguquka qho ngonyaka umndilili wokunyuka uhambelana nokunyuka kombane njengoko kusaziswa nguNersa (National Electricity Regulator of South Africa). Ngaphambili oku kwakuthetha ukuba bonke abasebenzisi bombane bayonyuselwa idipozithi yombane nokuba umntu uwulondolozile umbane okanye hayi.

Enye nje ingcaciso, ukuba umntu wenza Isicelo sokufakelwa umbane kwaye kungekho mbali yokuba wakhe wawusebenzisa umbane ezi dipozithi zilandelayo ziyasebenza kumnyakamali-2016/17:

Ezokuhlala nokushishina: Single-phase credit meter (ixabiso eli-binary)	R 2 000.00
Ezokuhlala: Three-phase credit meter (ixabiso eli-binary)	R 3 500.00
Ezoshishino: Three-phase credit meter (ixabiso eli-binary)	R 8 000.00
Ezokuhlala nokushishina: Single-phase pre-paid meter (ixabiso eli-binary)	R 460.00
Ezokuhlala nokushishina: Three-phase pre-paid meter (ixabiso eli-binary)	R 920.00

Emva kokuqwalselwa kwebhajethi eyilwayo yonyakamali-2016/17 nemigaqo ehlaziyiweyo enxulumene nebhajethi eyayivulelwe uluntu ukuba lunike izimvo zalo kwenziwa esi silungiso silandelayo saza samkelwa liBhunga ngoMeyi:

Ukuba ingongoma 7.6.3 yoMgaqo malunga nokuKhathalela umthengi, uLawulo lwemali nokuQokelelwa kwamaTyala ibhalwa ngolu hlobo - Idipozithi yokuKhusela uMasipala iza kunyuswa qho minyaka le nto leyo ithetha ukuba iza kulingana nesibini somndilili wokusetyenziswa kombane kwiinyaka ezili-12 ezidlulileyo.

Ukubalwa kokunyuswa kwaminyaka le kwedipozithi kwiimitha ezibhatalwa ekupheleni kwenyanga kubangele ukuba abasebenzisi abaninzi babuyiselwe imali kumatyala abo kaSeptemba njengoko idipozithi entsha ingaphezulu ngokuphindwe kabini kwimali elityala lokusebenzisa umbane wenyanga.

Abasebenzisi abasebenzisa iimitha ezibhatalelwa ukuphela kwenyanga mabacinge ngokutshintshela kumbane othengwayo. Oku kuza kuthetha ukuba baza kuhlawula nje idipozithi yama-R460 (single-phase) okanye R920 (three-phase) enye esele kule dipozithi ingasetyenziswa ekutshintsheni kweentlobo zombane. Umbane othengwayo utshiphu kunombane wenyanga.

Idipozithi yombane othengwayo inyuka iye kuma-R460, okanye umahluko phakathi kwedipozithi yangoku nama-R460 ukuba ibisele ihlawulwe idipozithi.

Ukuba kukho abantu bomhlalaphantsi abanelungelo kwisibonelelo sabangenanto iidipozithi zabo ziya kuhlengahlengiswa ngokuhambelana namaxabiso amkelekileyo ukuba oko kuyasebenza.

Abasebenzisi bombane abangakwaziyo ukuhlawula idipozithi enyusiweyo ngokwamatyala abo kaSeptemba 2016 banganxibelelana neofisi benze amalungiselelo okuhlawula ngezavenge. Malunga noncedo lwabasebenzisi ungafonela le nombolo 028 313 8000.

Iinombolo zexesha likaxakeka:

I-ofisi efumaneka iiyure ezingama-24	028 313 8111
Ezemililo nohlangulo eOverstrand	028 313 8980
Ezolawulo-mthetho eOverstrand	028 313 8111
Iambulensi	10177
U-NSRI	028 312 3180
Ulawulo lwezolwandle nonxweme	028 313 2703
Isibhedlele saseHermanus	028 313 5200
Isibhedlele sabucala saseHermanus	028 313 0168
Intlalontle yabantwana eHermanus	028 313 0831
Intlalontle yezilwanyana eHermanus	028 312 1281
Amapolisa aseHermanus	028 313 5300
Amapolisa aseGansbaai	028 384 0201
Amapolisa aseStanford	028 341 0601

UKUVALWA KWEE-OFISI ZIKAMASIPALA NGEXESHA LEEHOLIDE ZOKUPHELA KONYAKA

Iiofisi zikamasipala kuquka iilayibrari kodwa iinkonzo eziyimfuneko aziqukwa ziza kuvalwa ukususela nge-13:00 ngoLwesihlanu 23 Disemba de kube ngoLwesithathu 28 Disemba ngo-07:45 nange-13:00 ngoLwesihlanu 30 Disemba de kube nguLwesibini 3 Januwari 2017 ngo-07:45. Kodwa qaphela ukuba zonke Iiofisi zikamasipala ziza kusebenza ngokupheleleyo ngomhla wama-28 namgowama-29 Disemba 2016.

I-Overstrand Ikhahlela **amaqhawe awileyo**

USuku lokukhumbula abawe emfazweni (oluteketiswa kuthiwe yi-Poppy Day) lusuku lokukhumbula abo bawe besemfazweni. Ngokwesiqhelo i-Regiment Westelike Provincie, eyiyo ebambe iwonga i-Freedom of the Overstrand, liwenze lomsitho waqaqamba, uqquzelelwe ngumbutho waseOverstrand oyi-Seagull Shellhole of the MOTHs. Emva kokubeka inkatha egameni loluntu lwaseOverstrand, uSodolophu uRudolph Smith uthe, "Masenzeni isikhumbuzo sala maqhawe awileyo ngokukhumbula indlela esinethamsanqa ngayo ngokuba sikwazi ukulandela amaphupha ethu ngoxolo." I-Overstrand lwongeke ngokukodwa ngobukho beqela lamaqhawe emfazwe kulo msitho wokubekwa kwenkatha ngeli lixa umkhombe we-NSRI - obukqwiphulo lokukhangela kufuphi - usondele elunxwemeni, wayithoba iflegi yawo wabeka inkatha elwandle.

IIKONSATHI EZINTATHU **ZIMELE KONGEZA KUMOYA WEEHOLIDE** ***ZOKUPHELA KONYAKA!!***

O·A·K overstrand arts • kunste

I-Overstrand Arts/Kunste ineekonsathi ezintathu eziza kuba ngoDisemba eziza kongeza kumayeyeye eeholide.

NgeCawe umhla we-4 Disemba, intandane yethu uTobias Kotzé uza kucula eCivic Auditorium.

uTobias Kotzé

Emva kwemini ngeCawe umhla we-11 Disemba kuza kuba kho Ikonsathi yeKrisimesi eDatshi eHermanus apho kuza kube kutsholoza ikwayari iHermanus Pro Musica nezinye. Zombini ezi konsathi ziza kuqala nge-15:30.

Ngokuhlwa ngoMgqibelo umhla we-17 Disemba uGustavo Romero odume kakhulu ovela eMelika uza kudlala ipiyano nge-19:00 eCivic Auditorium.

uGustavo Romero

Bhukisha eBELLINI no-028 312 4988. Tsalela unobhalana uRené du Plooy kwa-082 940 4238 ngeenkcukacha ezongezekileyo.